**INkampani yoBugcisa oBudlalwayo yaKwaZulu-Natala**
**eyabhengezwa ngokwecandelo lesi-3(1) loMthetho wamaZiko eNkcubeko, 1998 (uMthetho we-119 ka-1998) ngowoku-01 kuTshazimpuzi ngo-2003**
**PO Box 5353, DURBAN, 4000, 29 Acutt Street, DURBAN, 4001, KwaZulu-Natal, South Africa**
**Umnxeba: (031) 3699555, Ifeksi: (031) 306 2166, Iinkonzo zemveliso Mayville, Umnxeba (031) 208 4171 Ifeksi: (031) 208 4162**
**Idilesi yeimeyili: http://www.playhousecompany.com**

**I-PLAYHOUSE COMPANY**
**ISIMEMO SOKUFAKA ISICELO SENTSEBENZISWANO – ISALATHISI PHC 56/2018**

**IINKONZO ZOLAWULO LWEEHAMBO E-PLAYHOUSE COMPANY ISITHUBA SEMINYAKA EMI-3**

I-Playhouse Company liZiko leNkcubeko elibhaliswe ngokweCandelo lesi-3(1) loMthetho wamaZiko eNkcubeko ka-1988 ukuze likhuthaze ubugcisa nenkcubeko kwiphondo laKwa-Zulu Natala.

I-Playhouse Company imema iiNkampani zoLawulo lweeHambo ezifanelekileyo ukuba zifake izicelo zentsebenziswano zokunika iiNkonzo zoLawulo lweeHambo ePlayhouse Company.

Umsebenzi oza kwenziwa uquka phakathi kwezinye izinto, oku kulandelayo*:*

- Ukunika iinkonzo zohambo kubo bonke abantu abahamba egameni lePlayhouse. Aba bantu baquka amagosa ale nkampani kunye nabantu abavunyiweyo abangengawo amagosa enkampani;
- Ukuhlala ingasemoyeni ngokubhekiselele kwiinguqu zeeshedyuli kwakunye nazo zonke ezinye iinguqu nemiqathango emitsha echaphazela iihambo neendawo zokulala kananjalo ikwazi ukwenza ulungelelwaniso olufanelekileyo ukulungiselela nazo naziphi na iinguqu zeeshedyuli zeehambo ngaphambi kohambo okanye ngethuba lohambo olusesikweni lwegosa.
- Ukukhawuleza ukuphendula nokulungisa yonke imibuzo, izicelo, iinguqu kwakunye nokumiswa kweehambo kwangexesha nangokuchanekileyo.
- Ukunika abahambi onke amaxwebhu ayimfuneko kwiihambo, uluhlu lweendawo abaza kuzityelela kwakunye neevawutsha kwangexesha ngaphambi komhla wokunduluka komhambi/kwabahambi.
- Ukuncedisa kulungelelwaniso lwemali yamazwe angaphandle kwakunye nokunika isiqinisekiso sohambo kwiihambo zamazwe angaphandle kwemida yeli apho kuyimfuneko khona.
- Ukuba nolwazi ngamanqaku emiyalelo kaNondyebo kaZwelonke angamanyathelo okucutha iindleko;
- Ukusebenzisa iikhowudi zentsebenziswano zasePlayhouse zophapho lwangaphakathi kweli lizwe ekhutshwa nguNondyebo kaZwelonke xa kuthethwana ngezaphulelo kwezophapho;
- Ukufumana uthelekiso lwamaxabiso eehambo ngophapho, olweendawo zokulala, olokuqeshwa kwezithuthi kwakunye neenkonzo zothutho lwabahambi olumalunga neqondo lesilinganiso eliphezulu ngokomyalelo kaNondyebo kaZwelonke wokucutha iindleko;
- Ukunika iqela labacebisi abaza kunceda bonke Abahambi xa sele kugqithe amaxesha okusebenza ngokubekisa iindawo ngongxamiseko nangeenguqu kwizicwangciso zeehambo.

Iinkcukacha ezinabileyo zomsebenzi ekufuneka wenziwe ziqukethwe luxwebhu lwesiniki-maxabiso.

Amaxwebhu esiniki-maxabiso ayafumaneka kwiOfisi eyiNtloko yasePlayhouse Company ekule dilesi, 29 Acutt Street ukusuka ngentsimbi ye-10h00 kusasa ngomhla wesi-**02 kweyoMdumba ngo-2018.**

Kuhlawulwa umrhumo ongabuyiswayo wama-R 350 oziinkozo kuMnu. Sudesh Harilal (umnx. 9443) ukuze lufumaneke olu xwebhu lwesiniki-maxabiso.

**Izinto eziyimfuneko ngaphambi kokulungela ukwenza lo msebenzi zidweliswe apha ngezantsi:**

- Kufuneka inkampani ibe ibhalisiwe kuVimba onguNdoqo weeNkcukacha zaBaniki-nkonzo kaNondyebo kaZwelonke (i-C.S.D);
- Isiqinisekiso sokuhlawula irhafu esisemthethweni okanye i-pin enikwa nguSARS zizinto ezinyanzelekileyo ukuba ibe nazo inkampani;
- Iingxelo zemali ezisandul'ukuphicothwa zeminyaka emi-3 egqithileyo;
- Ubuncinane inkampani ibe kwinqanaba lesi-2 leB-BBEE;
- Isitifiketi esisemthethweni se-International Air Transport Association (IATA) license (certified copy);
- Uthelekelelo-maxabiso kufuneka lusiwe ngumntu ngenkqu kule dilesi ikhankanywe apha ngezantsi.

Indibano enyanzelekileyo yokuhlola isiza iza kubanjwa ngomhla wesi-**08 kweyoMdumba ngo-2018 ngentsimbi ye-10h00** ePlayhouse Company, 231 Anton Lembede Street, Durban.

**Umhla wokuvalwa** kokwamkelwa kwezicelo zentsebenziswano ngowama-**02 kweyoKwindla ngo-2018 ngentsimbi ye-11h00 ngentlazane**. Azisayi kwamkelwa izicelo ezifike emva kwexesha. Izicelo mazifakwe kwimvulophu/kwipakethe etywiniweyo nebhalwe ngokucacileyo ukuba iya kwiNgqonyela yasePlayhouse Company, 29 Acutt Street, Durban 4001.

*Xa unemibuzo ungaqhagamshelana no*Mnu. Siya Manqele kule nombolo yomnxeba: 031- 369 9507 okanye kule dilesi accountingassistant@playhousecompany.com